

UMQULU WOKUNIKEZELWA KWEENKONZO LISEBE

ISEBE LEZOLIMO ENTSHONA KOLONI LIZIBOPHELELE NGOKWALO MQULU WEENKONZO UKUBA LINIKELA NGEENKONZO EZISEMGANGATHWENI OPHUCUKILEYO NEZIKUFANELEYO. MASENZENI UNIKELO LWEENKONZO NGCONO SISONKE.

UKUNIKELWA KWEENKONZO NGOKUHAMBISANA NOMGANGATHO WEENKONZO EZICHAZIWEYO KUXHOMEKEKE KUZINZO OLUNGAPHAZAMISEKIYO LOKUBAKHO KOM'BANE NAMANZI.

SIZIBOPHELELE GOKUBA:

- Siza kuziphendula zonke ii-imeyile zakho kwiyure ezingama-4.
- Siza kuyiphendula iminxeba ingakhalanga ukudlula kwisihlano. Izakuphendulwa yonke iminxeba ephosakele ukwamkelwa okanye imiyalezo, zingaphelanga iyure ezili 12 zexesha lomsebenzi nje emva kokushicilelwa kwawo kwiKhompyutha yegosa elisebenzini.
- Xa usibhalele, siyakukwazi ngokuyifumana imibalelwano yakho zingaphelanga iintsuku ezi 3 zomsebenzi. Siza kuyiphendula kwiintsuku ezili-10 zokusebenza. Ukuba asikwazi kukunika impendulo kwiintsuku ezili-10 siza kukacisa ukuba kutheni ze sikuxelele ukuba uze uyilindele nini impendulo.
- Xa wenze isicelo siza kusiqwalasela ngendlela efanelekileyo nejonga izinto njengoko nangokweenkukacha ezisizinkweyo. Siza kukunika ingxelo enengcaciso epheleleyo, eluncedo, nenokusebenziseka neyakhayo.
- Zonke izikhalazo nembalelwano ethunyelwe kuMphathiswa wamaThuba ezoQoqosho naphathelele kwimicimbi yezolimo ziya kuphendulwa kwakamsinya ngendlela ephucukileyo kwiiveki ezi 5 emva kokufunyanwa kwembalelwano.

Silindele ukuba:

- Ube nobuntu, imbeko, nesimilo esihle ze uhloniphe isidima se/samagosa ethu akunika uncedo.
- Unyaniseke ngeengcinga zakho nokuthethayo kuthi.
- Usinike ulwazi olupheleleyo noluchanileyo ze lukhatshwe ziikopi ezisandula ukuqinisekisa kumaxwebhu aceliweyo kuwe.
- Ufumaneka xa ufuneka yaye ulungele ukwenza / ukufunda kwiinkqubo zokukuxhobisa nekuvunyelwene ngazo.
- Usebenze ngamandla xa kumiselwa izicwangciso, amanyathelo amatsha kunye neengcebiso ezivela kweli Sebe.

Unelungelo:

- Lokuphatywa ngembeko nentlonipho nangendlela enesidima ngalo lonke ixesha.
- Kubuzwe kuwe ngoncedo lweemfundo zakho nohlobo lomgangatho weenkonzozo ozilindeleyo.
- Lokunikwa yonke ingcaciso xa uyicellele uyinikwe ngendlela ecacileyo.
- Lokufikelela kunikezelo-nkonzo olukhawulezayo nolwango ngokungqambelana nomgangatho wonikezelo lweenkonzo.
- Lokufumana umyalezo ocela uxolo ze kwenziwe izilungiso xa kuthe kwakho amagangxi-gingxi ekunikazelweni kwayo nayiphi na inkonzo.
- Lesiqinisekiso sokwaneliseka yintlawulelo yeenkonzo ozifumeneyo.

UMGANGATHO WETHU WONIKEZELO NGEENKONZO

Uphuhliso

Lwasemaphandleni :

- Kuzakuququzelelwa unikelo lweenkonzo zikaRhulumente ezinikishwe kwiindawo ezili 16 nezizezona zibalulekileyo kuphuhliso lweendawo ezisemaphandleni, ngokusebenzisa imibutho/amaziko karhulumente nawoLuntu, rhoqo ngekota ngeliquhabela ukufikelela kwiinkonzo.
- Kuzakuququzelelwa amanyathelo ophuhliso ukuze kuphuculwe inkangeleko kunye neemeko zoqoqosho kuluntu olusebenza kwezolimo ngokusebenzisa oogxa bethu kunye neeprojekthi ezabelwa imali rhoqo ngonyaka.
- Indlela yokufunyanwa uncedo kwabasebenzi kwezolimo izakunceda ekubeni abasebenzi kwezolimo bafikelele kubaniki zinkonzo ezifanelekileyo kurhulumente, zingaphelanga iintsuku ezi 5 emva kokufunyanwa kwesikhalazo somsebenzi kwezolimo.

Iinkonzo Zophuhliso Nokuxhaswa kwamaFama:

- Sizakunikela kuwo onke amafama ngeenkonzozo zokuyelelwa kunye nokunikwa ingcaciso, zingaphelanga iintsuku ezili 15 emva kokufumana isicelo okanye ngokulandela isicwangciso sokuzingisa ekusabeleni apho sibizwa khona.
- Sizakunika inkxaso kumafama amancinci namafama ashishinayo ngokulandela uphuhliso oluzinzileyo ngokwamanyathelo okuhlaziywa kwemihlaba yokulima, siyiququzelele ze isive zingaphelanga iintsuku ezingama 30 emva kokufumana isicelo.
- Izicelo ezisilungisa nokusetyenziswa koBurchule Bokwaqokelelwa koKutya ngokulungeneyo eMzantsi Afrika (Integrated Food Security Strategy of S.A. (IFSS), ziya kuphendulwa ngokwesicwangciso sokusungulwa kwaso ngokwesiqingqo sangaphambili.

Imfundo Ehleliweyo noQeqesho kweZolimo:

- Kuzakulungiselelwa ze kuhlohlwe imfundo noqeqesho oluhleliweyo noluvunyelweyo njengenkqubo eqhubekayo kubo bonke abathathi naxheba kwicandelo leemveliso kwezolimo.

Iinkonzo zoPhando olunzulu kunye noPhuhliso loBurchule:

- Sizakwenza uphando olunzulu nolubalulekileyo ukuze sandise iimveliso kwezolimo kunye nobuchule ukuze sisombulule imingeni yozinzo kunye nokutshintsha kwemo yezulu kuwo onke amafama nakumaziko esisebenzisa nayo ngokweemfundo zemihla ngemihla nangokugqale ekusombululeni ingxaki ngesesha lobukho bayo.
- Sizakwazi abakwezolimo kunye noboshishino kwezolimo ngobuchule obutsha obufanelekileyo nesizakubusebenzisa kunye nolwazi ngobunzulu-lwazi ngokusebenzisa iincwadana ezithandwa ngabantu abaninzi, iincwadana ezithandwayo nezipapashweyo kwezobunzulu-lwazi, ukutyelala ze kuthethwe namafama kunye neemini zokunika ingcaciso nezolimo, qho ngekota.

Iinkonzo Zonyango lweMfuyo:

- Yonke imihla uluntu, abakwezolimo kunye nabecandelo loshishino kwezolimo luyakunikwa iinkonzo zoLawulo ngokomthetho ngokuhambisana nemithetho ngokuthintela kunye nolwazi lwezifo zemfuyo, nokulungiselela ukufikelela kwimarike yamazwe aphesheya kwanokunisekisa ngokhuseleko lwenyama kunye neemveliso zenyama.

Iinkonzo zoQoqosho kweZolimo:

- Sizakunikela kuwo onke amafama kunye namaziko esisebenzisa nayo ngeenkonzozo zenkxaso ekukhuthazweni kwentengiso kunye nakwabashishini ngezolimo ngelokukhwezela ukuphuhlisa kwabazolimo nakwicandelo leemveliso zezolimo, zingaphelanga iintsuku ezili 7 emva kokufumana isicelo soko.
- Sizakunikela zingaphelanga iintsuku ezili 7 ngeenkonzozo zophuhliso loqoqosho ukuze kwenziwe izicwangciso zokulawulwa kokwenziwa komsebenzi ngelokukhwezela imisebenzi egqibeleleyo yasefama emva kokufunyanwa kwisicelo.

Iinkonzo zoBunjineri, ukuKhathelelwa koMhlaba, iinkonzo Zokusetyenziswa koMhlaba kunye neenkonzozo zoLawulo iNtlekele kweZolimo:

- Sizakwenza izindululo kwabasemagunyeni malunga nokusetyenziswa komhlaba ngelokuthintela ukucandeka komhlaba wezolimo ngokomthetho ofanelekileyo, kwiintsuku ezingama-60 emva kokufunyanwa kwisicelo.
- Sizakwenza izisombululo nolawulo oluzinzileyo kwimithombo yoncedo kunye neendlela ezisetyenziswayo kunikezelo lwezobunjineli kweZolimo, iinkonzo zokuKhathelelwa koMhlaba kunye, nokunisela kwezoBurchule kuma 80% kubantu esisebenzisa nabo kunye namaziko, zingaphelanga iintsuku ezingama-30 emva kokufunyanwa kwisicelo.

EZONA NKONZO ESIBO-NELELA NGAZO

Ulawulo

Sibonelela sikwabambelela kwimigaqo nemithetho eyiyo yolawulo kuquka ulawulo olululo lwemali, ukusebenzisa ulawulo oluhle kwimicimbi engabasebenzi, ukukhuthaza ukwabelwano olufanelekileyo nabaxhasi bethu, amanye amaSebe, amaPhondo namazwe aseAfrika, sikhokolela ziimpembelelo ze "BATHO PELE" neemfundo zolawulo namanye amasebe kaRhulumente.

Ulawulo

Ukubeka esweni nokuciphisa imingcipheko kwimpilo yemfuyo nokucinqinisekisa ngokubakho kokutya okoneleyo ngokuthi kugcinwe ukutya okoneleyo ze kulungiselelwe ukuthunyelwa kumazwe angaphandle imfuyo kwa neemveliso yemfuyo. Ukukhuthaza ukulondolozwa nokusetyenziswa ngokuzinzileyo kwendalo esingqongileyo, ingakumbi ingakumbi imithombo yoncedo kwezolimo nezindalo nezingu(mhlaba namanzi) nokuthintela ukuqhekeka kunye nokutshintshwa kokusetyenziswa komhlaba wezolimo.

Ukunaniselana ngolwazi

Ukuqeqesha abalimi abakhoyo, amagosa kwezolimo nabasebenzi kwezolimo kwicandelo leemveliso zezolimo nokuphucula amathuba emisebenzi kwezolimo. Ukunikela ngeyona nkonzo ingcono yenkxaso kwa nefanelekileyo kumafama (kuquka abatyelali kumafama) nazo zonke iintlobo zabantu esisebenzisana nazo, ingakumbi kwicandelo lamafama asikhululeyo ze kujonawe ngokweengcingi. Ukubonelela ngolwazi olungoqosho kwezolimo kunye neenkonzozo zokwenzela ukuba kuthathwe izigqibo ezizizo kwikhondo lezolimo nezolimo-shishino. Ukubonelela ngolwazi kunye neenkonzozo ukwenzela ukuphucula ukusetyenziswa kwemithombo yoncedo lwamanzi kwezolimo ingakumbi njengoko imo-zulu ezinzileyo nokutshintsha kweli Phondo.

Ukuphuhlisa Kolwazi

Ukuvulisa ubuchule obukudidi oluphezulu bokufezekisa ezoqoqosho kunye nozinziso lwendalo esingqongileyo kuzo zonke iinkalo zeemveliso kwezolimo, kusongelo lweemveliso kunye nokuyithengisa sikwacingela neemfundo zawo onke amafama ethu kwanawexesha elizayo kunye nabathengi kwilizwe lethu nakumanye amazwe kwindalo etshintshayo, sisandisa amaxabiso aphantsi sikwakhulisa neemveliso zezolimo ngenjongo yokwandisa ukukhula nophuhliso nokukhuthaza ukuvulisa kwamathuba emisebenzi kwezolimo.

Inkxaso-mali kwezolimo

Ukulawula nokulungiselela inkxaso yemali kumafama akwoko onke amanqanaba okuyelisa kuquka ICASP, iLandCare, inkxasomali yokhuselelo-mhlaba, iMAFISA, iIibhasari zoqeqesho kwezolimo neemfundo kwakunye nemali yenkxaso xa kwehle intlekele njengoko zabiwe amaxesha ngamaxesha.

IINDELELA ZETHU ZOKUPHENDULA

Ukuba unesikhalazo, nceda usazise/ usixelele. Siza kucela uxolo ze sizame ukulungisa kwakamsinyane. Ukuba awukonilekisi, sizakwenza uphando lokuba siqonde eyona nto yenzekileyo ze sikunike impendulo zingaphelanga iintsuku ezili 15 zokusebenza. Ukuba asikwazi ukuphendula isikhalazo sakho ngomnxeba kwamsinya, sizakunika igama lomntu eliduliselwe kuye isikhalazo sakho ze sikwaziwe nexesha awothi akunike ngalo impendulo. Siyakucela ukuba uthumele naziphi na iziphakamisano onazo, izincom, ukuhlaba amadlala okanye izindululo oziphakamisayo ukuze siphucule iinkonzo zethu okanye umgangatho wonikelelo zinkonzo, kule dilesi iandelayo:

The Manager: Communication:
Tel: +27 21 808 5111 | Fax: +27 21 808 5000
Muldersvlei Road, Elsenburg, 7607
Private Bag X1, Elsenburg, 7607
Email: info@elsenburg.com
Website: www.elsenburg.com

Ministry of Economic Opportunities:
Tel: +27 21 483 4218 | Fax: +27 21 483 3890
140-142 Long Street, Cape Town, 8000 or
Private Bag X9179, Cape Town, 8001
Email: Vuyolwethu.Njalo@westerncape.gov.za
Website: www.elsenburg.com

Sikuxabisile ukufumaneka kwethu kwabo sisebenzisana nabo:

Izakhiwo zethu ziyafikeleleka nakubantu abaneempawu zokukhuzeka. Ukuze ufikelele nakweli phi na iziko leenkonzozo zezolimo, qhakamshelana ngale nombolo ibhalwe ngezants'apha okanye ungene kwi webusayithi yethu.

UMBONO:

Wokuba sibe licandelo elimanyeneyo leemveliso zezolimo, elisabela iimfundo zoLuntu nelinempumelelo sikwayikhathelele indalo.

INKONKONZO KUNYE NENTLUNGULO YETHU:

Sizibophelela ekukhontiseni uLuntu kunye nabo sisebenzisana nabo ekunikeleni ngeenkonzozo zoluntu kwezolimo. Ekusebenziseni igunya esinalo kunye nokuthwala uxanduva lwethu, sikhokolela yaye sikwabambelele kwiingongoma ezisibhoze ze "BATHO PELE" (Abantu Kugala. Sizibophelele ekunikeleni ngeenkonzozo ngokweNkathalo kunye neeMpawu Zentsulungeko kuthi, Ukwenza umsebenzi, Ukunika impendulo, Amacebo amatsha, Ukulungela umsebenzi kunye Nokusabela ze kulungiselele ukuze sikhusele ze kugqame amalungelo akho yaye sandise amathuba okuzaya iziphumo eziNgcono SiHlangene kunikelelo lweenkonzo.